# "Masizake"!! Yin' nale!!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Vusa! Inimba yakumakowenu
Yakulo Ngubenc'uka kwezakowenu
Utete ngelidala ngelika Hintsa
Amagama enkosi ayandipazamisa.

Halahoyi! Ma Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomlambo
Makowetu—sisamelwe kukutyalwa
'Ze kuvele ubuhlanga sakulinywa.

Yabonani makowetu sibadala
Nenyaniso yasiposa kwakudala
Izwe letu limagade ahlabayo
Ndifung' ok'ok'o nobawo ndizalayo.

"Masizake"! Lento imbongi zinoc'uku
Kunokuyeka, ukozo lungadli nkuku.
Sizwe sini esi singehlisi butongo
Sigqibe Izwe lonke ngamax'obongo.

"Masizake"! Kudala bo sikonkota
Sipikisa abantu besiqongqota
Sizwe sini sona esi silubisi
Lungasafikiyo nase zimvabeni.

Taru! Afrika zwe lombango mbuso
Zincinane indaba eziyinyaniso
U "Masizake" lo ngapantsi kwelanga
Lilizwi—libukali limemeza Hlanga.

Wena Afrika ugweba nezihlobo
Mondli ebulawa ngaba kowabo
Xa ndilapo imbongi ke zinoc'uku
Kunokuyeka, ukozo lungadli nkuku.

Taru! Afrika mpi ziyabinzana
Zimane ziqauka zibuye zihlangana
Kode kube nini? Makowetu "Zakeni"!-
Baninqabelena? Ngokume Zintabeni?
Taru! Afrika mpi ziyabinzana
Zimane ziqauka zibuye zihlangana
Ezizipani ke ziyintluzentluze
Zihlalele ukwapuka imilenze. Taru!
Ngubamba ngapa, bamba ngapa. Yin'
[nale—

Kodwa belusi benkomo zo Sandile
Minga ete ukuwa yabhukuqeka
Lapum' Ilanga landicingis' u Tshaka.

"Masizake"! Sakudwatywa zezinye
Kuba sakuxakeka xa singebanye
Kuza ixesha lento eza Bhalwayo
Ndifungo k'ok'o nobawo ndizalayo.

Ngeloxesha ke sonke soma ngenyawo
Ukungevani kobe kunge naadawo
Uyakuba "Mnye" noba akusatandi
Nditsho usilwa, ubeta nangenqindi

Camagu!!
Watsho—olwa ngezulu, Yinduku zihleli:

Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
September 27, 1924.